*Imihobe nemibongo (Xhosa poetry)*

Originally written by SEK Mqhayi in 1926
Revised into the new orthography by S L Tshabe, 1988
First published in 1927 as 'Xhosa poetry for schools' by (SPCK/Sheldon Press)
William Clowes & Sons, Ltd, London and Beccles, Great Britain

Copyright © De Jager-Haum Publishers
227 Minnaar Street, Pretoria 0002
Box 629, Pretoria 0001

Bloemfontein • Cape Town • Durban • King William's Town • Pietersburg • Pretoria (PWV)

Revised edition/first impression 88/8

ISBN 0 7986 2727 1

Set on a personal computer by De Jager-Hau
Data transmitted in 10 on 12 pt Palatino by
Dieter Zimmermann (Pty) Ltd, Johannesbur
Printed and bound by Gutenberg Book Prin
Cover design by Danie Roos

MLCS 90/05610

LIBRARY OF CONGRESS
6
APR 1 2 1989
COPY
ORDER DIVISION

© All rights reserved. Apart from any fair dealing for the purposes of research, criticism or review as permitted under the Copyright Act, no part of this book may be reproduced or transmitted in any form or by any means, electronic or mechanical, including photocopying and recording, without permission in writing from the publisher.

89-131313

# Intshayelelo

Sekulithuba elinobom kufuneka ukuba ibekho incwadana elolu hlobo, yokufundisa izifihlelo kwintsapho efunda kwizikolo zemini.

Umhlobo wethu ke, uMongameli wabaHloli beZikolo, wenze imigungqo ephathekayo – yaba ke namhla yiyo le loo ncwadana esisiqalo.

Sicela ucoselelo lweetitshala ekuyifundiseni. Siyawabulela amanene athe avuma ukuba imihobe ayenzileyo kunye nemibongo, ifakwe nayo apha; yona ke yobonakala kunye namagama awo.

Sithi abenu enkonzweni.

S E K MQHAYI
1926

Ibe luluvo lweBhodi yoLwimi lwesiXhosa yaseCiskei ukuba iincwadi ezinjengale ngobuncwane nangexabiso zigcinelwe izizukulwana ngezizukulwana zikaNtu.

Nanjengoko incwadi le yayisakushicilelwa phesheya, kuye kwayimfuneko ukuba kuthi kuqale kufunyanwe ilungelo lobunini-kopi ukuze ibe nokushicilelwa kweli.

Kungoko ke ibe bubulumko ukuba le ncwadi ihlelwe ngokwemigaqo yobhalo-ntetho, ilungiselelwe ukuba ifundwe nasezikolweni. Ndiye ndacelwa ke ukuba ndijongane naloo ndima.

Kambe ingxam nobuthumbu bencwadi le abuphazanyiswanga kwaphela.

Lwanga uluntu nalo lungasela kulo mthombo umanzi angcwengileyo namnandi.

S L TSHABE
1988

# Isalathiso

## Umqulu I

Iphepha

UYeye 2
Uqongqothwane 3
Ungqwangi nanqilo 3
Inqilo 4
Uvivingane 4
UNomgogogo 5
Inyok' enkulu 5
Apho luyayo 6
Isiqhwala soNongadlela 6
Isele 7
Ukuthuthuzel' usana 8

## Umqulu II

UKhawulezis' amaxesha 10
Ukufa nokuthwasa komnyaka 11
Umbongo weKresimesi 13
A-a! Mhlekaz' omhle! 14
A-a! Sonininanini!!! 16
Umhobe kaNtu 18
Umkhosi wemidaka 19
Ukutshona kukaMendi 22
Emakhayeni! Emakhayeni! 24
ITyhume – I 25
ITyhume – II 28
Isimemezo sikaSomgxada 30
Ilitye lesikhumbuzo (JA Bennie) 32
Mntwanana 33
Inqwelo kaLizwi 36
Sebenza! 38
Ikhala 40

## Izifundwana ezidala zasemaXhoseni: iingonyana, nemibuzwana eneempendulo

*Le mibuzwana, ikunye neempendulo, zizinto ezibe zisakwenziwa emaXhoseni. Injongo yayo ikukwenza ukuba ingqondo yomntwana ibe nento eyibambileyo; kuba obesakuthi angaziqondi ezi mpendulo, kwanjengeentsomi, ubekhangelwa njengesityhakala, ahlekwe nangabanye, azame ke ngoko naye.*

### UYeye

| | | |
|---|---|---|
| | Ngubani lo? | NguYeye. |
| | Uhamba nabani? | Noyise. |
| | Umphathele ntoni? | Amasi. |
| | Ngendeb' enjani? | Ngebomvu. |
| | Wayibeka phi? | Esibaya. |
| | Kwesingakanani? | Kwesikhulu. |
| Kunye: | Hi! mayisele, | Zidenge zodwa! |
| | Hi! mayisele, | Zidenge zodwa! |



### Uqongqothwane

**(Ingoma)**

Mombelelen' uqongqothwane,
Mombelelen' uqongqothwane;
Gqirha lendlela nguqongqothwane,
Gqirha lendlela nguqongqothwane.

Nkqo-nkqo-nkqo-nkqo!
Nkqo-nkqo-nkqo-nkqo!
Nguqongqothwane!
Nguqongqothwane!!

### Ungqwangi nanqilo

Tyelele-tyelele
Ngqwangi nanqilo
MntakaPlangana!
Goduka, ncede,
Wafa yindlala;
Ncede ncikane
Yokophisela!!!

## Inqilo

*Umhambi emaXhoseni uva ubumnandi xa athe, ehamba, kwavuka inqilo, landanda phezu kwakhe likhala. Uthi indlela yakhe isikelelekile. Ude anqule enjenje:*

### Zwi-i! Zwi-i-i!

Thetha!
Thetha, ntak' amadladla!
Ukutsho ndilaph' uthini na?
Uthini na ntak' amadladla?
KaGocini noMvundlela?
Watsho ndilapha na?
Watsho ndiseluhambeni!
Thetha!
Uth' injani na le ndlela?
Njw-i-i! njwi-i-i!
Wiyo! wiyo! wiyo!
Njwi! njwi! njwi!
Njwi!
Njwi!!

## Uvivingane

| | |
|---|---|
| Lun' olu? | Luvivingane. |
| Luva phi? | Luva kwaNdwendwa. |
| Ndwendwa ni? | Ndwenda khweza. |
| Khweza ni? | Khwez' impandulo. |
| Mpandulo ni? | Mpandulo vece. |
| Vece ni? | Vece mkhupha. |
| Mkhupha mni? | Mkhupha ncungu. |
| Ncungu ni? | Ncungu doyi. |
| Doyi ni? | Doyi vatala. |
| Vatala ni? | Vatala nongwe. |
| Nongwe ni? | Nongwe gele. |
| Gele ni? | Gele nkuku. |
| Nkuku ni? | Nkuku qanda. |
| Qanda ni? | Qanda qokolo. |
| Qokolo ni? | Qokol' ehleli. |



## UNomgogogo

| | |
|---|---|
| Wha, Nomgogogo! | Yho yho! |
| Aph' amathole? | Akasesapha? |
| Wena wenzani? | Andity' amatye? |
| Amatye kukutya? | Wen' ungewatyi? |
| Uvuba ngani? | Asingumqothongo?[1] |
| Uwumba phi? | Andiwumbi kwaGantsa? |
| UGants' athini? | Akatsho n' ukuthi, |

Ndingakutshaya ngenduk' am le itshay' inja.
Uphaphatheke' ubhek' eLusuthu!
Vuka, khwabab'[2], uvuthele!
Ndivuke njanina, ndiphandliwe nje
Ngamakhwenkwe kaTabethu?
Tabethu mni? Xhel' inkabi le sinqunqthe
Isonka sokuza kokusa silukhuni njengomsila
wenja!!!

## Inyok' enkulu

**(Ingoma)**

Nyok' enkulu, nyok' enkulu,
Ndiphe ndisele!
Andiyi kutsho kwabakwaNdendwana,
Ukuthi ndibon' inyok' enkulu,
Egila limlawu-lawu!!

1. umqothongo – umthi ofana nogwanishe ongcambu zisetyenziswa njengekofu
2. ikhwababa – unomyayi

## Apho luyayo

**(Ese sisiqhulo somntu othi, exelelwa, abe ephikile; yingoma)**

Siyalubon' apho luyayo,
Luya kwaJikijane;
Intab' oJikwa;
Apho kumpukane
Zinemikhala;
Zith' ukulil' oku,
Zidal' uDzume;
Zith' ukulil' oku,
Zidal' uSanxwe.
Cimbi likhanyile
Emafini.

## Isiqhwala soNongadlela

**(Ingoma)**

Yhini na leyo?
Sisiqhwala soNongadlela!
Yhini na leyo?
Siqhwala soNongadlela!
Anibonanga
Zibhokhwe na kule ndlela?
*(Ngezw' elinzulu)* Itsh' ingqolosi:
Zibhokhwe na kule ndlela?
*(Ngezw' elinzulu)* Itsh' ingqolosi:
Zibhokhwe na kule ndlela?
Ngubani na lowo?
Siqhwala soNongadlela!
Ngathi nguTshabo:
Siqhwala soNongadlela!
Tshabel' emntwini:
Siqhwala soNongadlela!
Umfo kaNantsi:
Siqhwala soNongadlela!
EmaNantsini:
Siqhwala soNongadlela!



Wazalw' emini:
Siqhwala soNongadlela!
Kwada kwavuywa:
Siqhwala soNongadlela!
Kwabingelelwa;
Siqhwala soNongadlela!
Kwaxhelw' inkomo;
Siqhwala soNongadlela!
Kuzelw' unyana;
Siqhwala soNongadlela!
Kwathiyw' igama;
Siqhwala soNongadlela!
Kwathwa nguTshabo;
Siqhwala soNongadlela!
Tshabel' emntwini;
Siqhwala soNongadlela!
Kanti linxila;
Siqhwala soNongadlela!
Nxila legeza
Siqhwala soNongadlela!!!

## Isele

Nal' isele,
Emva kwendlu kabawo!
Lidla lichola-chola.
Lithi ndakuligxotha,
Lith' ukusuka kwalo:
Tsi-gxada!
Tsi-gxada!
Tsi-gxada!!

## Ukuthuthuzel' usana

**(Ingoma)**

Lala, lala, lala, sana;
Lala, lala, lala, mntwana;
Lala, lala, lala, bhabha;
Lala, lala, lala, mntwana.

Asimntwan' ukuthand' ukulila;
Asimntwan' ukuthand' ukulila;
Lala, lala, lala, bhabha;
Hlala, hlala, hlala, sana.

Tutu, tutu, tutu bhabha;
Asimntwan' ukuthand' ukulila;
Lala, lala, lala, bhabha;
Tutu, tutu, tutu, mntwana.

Lala, lala, lala, lala mntwana!
Ungab' undibona ndingenangubo!
Ingub' am ihluthwe ngamanyangaza![1]
Amanyangaza akwantshabalalo!

1. amanyangaza – abaphangi; ababulali



# Umqulu II

## UKhawulezis' amaxesha

Vukani kusile, magwalandini!
Vukani kusile, magwalandini!
Yabinz' inkwenkwezi isixelela,
Latheth' ixilongo lisibizela,
"Sibe kuninik' ubukumkani,
  Nabushunqula.
Sibe kuninik' intetho,
  Nayishunqula.
Sibe kuninik' umhlaba,
  Nawushunqula.
Sibe kuninik' imfundo,
  Nayishunqula.
Sininike ntonin' ezwen' apha?
Sininike ntonin' emhlaben' apha?
Aninike ntonin' u-Thixo nonyaka nje?
Kub' iyegqith' iVili Yakhe
UKhawulezis' amaxesh' igama layo!
Azi bantu bani n' aba, banj' iinkani zabo?
Azi bantu bani n' aba, banj' iphike labo?"
Ndiya kuhlala ndinani phi na, ndingumntu nje?
Ndingumntu nje, int' ehlal' ihlal' ihambele!
Ndingumntu nje, int' ehlal' ihlal' ifuduke!
Ndingumntu nje, int' ehlal' ihlal' igoduke!!!



## Ukufa nokuthwasa komnyaka

**U-1924 no-1925**

Ngubanin' ongevang' ukuba
udlul' u-1924?
Ngubanin' ongevang' ukuba
uthwasil' u-1925?

Hamba kamnandi, 1924!
Phila kakuhle, 1925!

Kanen' uthwaselani n' umnyaka lo
Kubant' abangazi kwakha nto?
Kanen' udlulelani n' umnyaka lo
Kubant' abangazi kudiliza lutho?

Khanitsho ke, zinkokeli;
Sebekhe baxelelwa n' abantu?
Bathi ke yintoni n' ukuthwasa komnyaka?
Bathi ke yintoni na le nt' umnyaka ngokwayo.
Yint' aph' ehlala phi na yakuthwasa?
Iz' ithi yakufa iye phi na?
Azi yintoni na le nt' ingumnyaka?

Sith' uthwasil' u-1925
Olu daba luxeleni ebantwini,
Olu daba lubiken' esizweni,
Nith' uluntu maluvuke, kusile.
Kode kuthwas' onjani n' umnyaka?
Mna, mkhonzi wenu ndisaphila,
Isaphilil' Imbongi yeSizwe!
A-a! Ngangomhlaba! A-a! Jong' ilizwe!
A-a! Zilindlovu! A-a! Jong' intaba!
A-a! Mangala! A-a! Victor P kaNdamase!
A-a! Mnyango! A-a! Phakamile!
A-a! Gudlwayinyanda! A-a! Ndiyalwa!
A-a! Solomon kaDinizulu!
A-a! Sobhuza kaNgwane!
A-a! Sekgoma kaKhama!
A-a! Grifisi kaLudziya!
A-a! Ngangelizwe kaKama
A-a! Mpondombini!

A-a! Songo! A-a! Ndabemfene!
A-a! Dabulamanzi kaZibi!

Bayetheni, bahlekazi!
Nina bagazi lidliwayo!
Bayetheni, zindlovu!
Bayetheni, zingonyama!
Marhamncw' ehlathi, Bayetheni!
Ayanixelela n' amaphakathi,
Ziyanixelelan' ezi zinto zenu,
Ezi nizityis' umhla nezolo,
Ziyanixelela n' apho kukhona,
Ziyatsho n' ukuthi, "Izolo bekuyizolo,
Ngoko kungoko, ngoku kungoku?"

A-a! Makhosikazi!
Bafazi beenkosi nabefundisi!
Hayi, int' inzim', ukuphath' isizwe!
Hayi, int' inzim', ukusithwal' emhlana!
Bhotani, ndiyabulisa!
Thwalani, kuza kulunga!
Mna, mlindi, sendibon' izinto.
Ivili kaThix' iyaqhuba.
Oloyi,[1] maqobokazana!
Oloyi, makhosazana!
Oloyi, zintwanazana!
Oloyi mahotyazana!
Oloyi, bantakama!
Uthwasela ni n' umnyaka lo,
Kanti nj' akuzi kwenziwa nto?

Mayigqibe ngemibuliso
Imbongi yakowenu.
Nasakuyilibal' iVili kaThixo,
UKhawulezis' amaxesh' igama layo.
Ndithunyiwe ukuba ndiyiyaleze;
Ngokwenjenje ke ndiyayishumayela.
Ndithi, "Lindani, inkul' int' ezayo";
Ndithi, "Vukani, ixesha lenu lifikile.
Lo 1924 udlul' ethethile!
Lo 1925 uza nezigigaba!!"

1. oloyi – hinani bethu; phulaphulani



## Umbongo weKresimesi

Yabinz' inkwenkwezi, ithetha kuthetha!
Yabinz' inkwenkwezi, ingqin' elidala!
Yavakal' intsholo yabaseNyangweni
Ngendumas' enkulu eviw' emhlabeni,
Kuzelwe namhlanje imbanyarh'[1] enkulu
Umphathi zitshixo zomhlaba nezulu.

Hoyi, bemi bomhlaba! Hoyi, bemi bomhlaba!
Niphongome ngani, ligwetyiw' ityala?
Ngubanin' ongevang' izwi lesigodlo?
Ngubanin' ongevang' izwi lexilongo?
Uthethil' entlang' umfo kaZekariya;
"Yilungisen' indlel', ahamb' uMesiya."

Ityumkil' intloko yaloo nyok' inkulu,
Liqhaqhiw' itywin' elatywinwa kwamzuzu;
Kuvulek' indlela kwiilwandl' ezibomvu,
Bonke oothixwana namhla babuvuvu.
Walethe,[2] Kumkani! Siyidle luhlaza,
Inzala yenyoka siyenze impanza.[3]

Sivule, Kumkani, siy' ezilalini,
ezilokishini, ezitolosheni;
Kulapho bakhon' abazalwana bethu,
Kulapho ikhona imfesane yethu,
Singa ngabavisa, baluve ngendlela
Udab' olumnandi silushumayela.

Izwe ligqibele nguBhelizabhubhe.
Zivusele naw' iint' ezingenadumbe.
Kukh' imiphefumlo emayisindiswe,
Kukh' imiphefumlo emayihlangulwe,
Ezelwe nj' uNyana, namhla masivulwe.
Izelwe nj' iNkosi, namhla masifunzwe.

Bobiza njanina, bengakholwanga nje?
Bokholwa njanina, bengakuvanga nje?
Bothinin' ukuva, bengaviswanga nje?
Bothinin' ukulwa, bengafunzwanga nje?
Iding' elidala namhla ligqityiwe.
Bayethe, Kumkani! Walethe! Walethe!!!

1. imbanyarha – umntu omkhulu, onesidima
2. walethe – winike
3. impanza – into eziintsalu; eziingceba; ethe saa

## A-a! Mhlekaz' omhle!

*Ngako oko iya kuninika umqondiso ngokwayo iNkosi: Uyabona intombi le iya kumitha, izale uNyana imthiye igama elinguImanuweli. Isaya vii, 14.*

Bayethe, Kumkani!
Thole lentombi yakwaJuda,
Wena, Sonininanini;
Wena, Mahlaba-zihlangana;
Wena, Jay' Omkhulu wezihlwele
Ngqin' izingel' imiphefumlo,
Zibel' imihlamb' eyalanayo;
Lung' elikhulu lakuloMazulu.

Bayethe, Kumkani!
Wena, Mehlwanjengesibane;
Wena, Tshawe lamaTshawe;
Wena, Sinunza-nunza sesinunzela;[1]
Wena, Mhle ngokweNyanga;
Wena, Khwezi loMso;
Wena, Liwa laPhakade;
Wena, Nyana woseNyangweni.

Bayethe, Kumkani!
Bayethe, Nyana kaDavide!
Wena, Xhwane leXhwane;
Wena, Gqirha laseSebhayoti;
Wena, Mang' angalanywa;
Wena, Nqaba yeNyaniso;
Wena, Khaka leNyaniso;
Wena, Ngonyama yesiXeko sakwaJuda.
Bayethe, Kumkani!
Asinalizwe namhla,
Asinamthetho nabuciko;
Som' umlomo sizidanele,
Kuba sakunikel' umva,
Wena, Nkulu yeminyanya;
Yasinikel' umva ngoko,
Neminyanya yamawethu.

Bayethe, Kumkani!
Sithi buya neAfrika,

1. isinunza-nunza sesinunzela – umntu ohloniphekileyo; onesidima



Kunye noonyana nentombi zayo;
Buya neendyebo zayo zamzuzu;
Buya nempilo nengqondo yayo;
Buya namandla nolomelelo
Buya nobunye bama-Afrika,
Sitsho Kuwe, Nkulu yeminyanya.

Bayethe, Kumkani!
Bayethe, Imanyuweli!
Wakhumbul' ama-Afrika,
Mini wabalekel' eJiphutha.
Wakhumbul' ama-Afrika
Mini sakuthwalel' umnqamlezo.
Namhl' inkxwalek' inathi,
Namhl' amandla angaKuwe.

Bayethe, Kumkani!
Bayethe, Lusingasinga lwakwaThixo!
Dolo-hle, Wen' ungaseKunene,
Maze namhla ukhangel' izifombo;
Ukhangel' abanezivubeko
Zokuthwala nzima phantsi koviko.
Mazukhangel' izilima zakowethu,
Ukhangel' iziqhwala neemfama.

Bayethe, Kumkani!
Nal' utshab' uSathana,
Lusichitha-chitha.
Namhl' ufika nje ke,
Siphathel' isikrweqe;
Simlwe simgxothe
Phakathi kohlanga.
Buya neAfrika, Mhlekazi.

Bayethe, Kumkani!
Itsh' imidondosholo[2]
Itsh' imidak' emnyama,
Lutsh' usapho lukaNtu,
Batsh' abakwaMthetho kaMthetho.
Batsh' abakhonzi bakho
Watyaph' ufike, Bawo!
Watyaph' ufike, Somandla!

2. imidondosholo – amaphakathi ogaga; amadoda amakhulu

## A-a! Sonininanini!!!

*Ilitye elo libethileyo emfanekisweni, laba yintaba enkulu, lazalisa umhlaba wonke. – Dan. ii. 35.*

Ngexesha eli leKresmesi, ndihlaba umkhosi esizweni sakowethu; ndithi masikhawulele lo Kumkani uzayo,

USimakade, igama lakhe!
UNaphakade kaNaphakade;
USonininanini;
USifuba-sibanzi;
Ingonyama yeza kwaJuda!

Kuthiwa ngaYe:
"Uya kumis' ubukumkani
Obungayi kuze bonakale;
Buya kuzicola buzigqibe
Zonk' eziny' izikumkani,
Bume bon' uNaphakade!"

Ndiwuhlaba kumadodana:
Zimkile, magwalandini!
Ndiwuhlaba nakumthinjana,
Ndithi: Maqobokazana!
Ndiwuhlaba emadodeni,
Ndithi: Nants' iNkosi yenu!
Nakuni, makhosikazi,
Ndithi: Intomb' epheth' uMntwana!
Haleluya-a-a!
Haleluya-a-a!!

Izwe lakwaZebhuloni,
Nezwe lakwaNefatali,
Afikelwe kukukhanya!
Izwe lasemaXhoseni,
Nelasentla kwelaseMbo.
Afikelwe kukukhanya!
Bethan' iingoma zodumo
Nizivuthel' izigodlo
Haleluya-a-a!
Haleluya-a-a!!



ELusuthu nakwaZulu,
KubaTswana namaSwazi,
Kuvelile ukukhanya!
Kwizwe lakwaMzilikazi,
Kwizwe lakwaLewanika,
Kuvelile ukukhanya!
Burholeni ubuhlalu,
Netyeleba nomthombothi.
Haleluya-a-a!
Haleluya-a-a!!

Nank' ezisa! Nank' esiza!
Nank' esiz' uManyuweli!!
Phakamani nimkhawulele!
Phakamani nimbulise!
Namhl' akezi ngabutshaba!
Uza kuth' epheth' uxolo!
Uz' ezele bububele:
Bikelanan' ezo ndaba!
Haleluya-a-a!
Haleluya-a-a!!

Zibethiw' izikumkani,
Wazicola zaluthuli,
Umhl' uMagob' egungxula.
Khangelani eli Litye,
Lacekiswayo ngabakhi;
Nali namhla liguguma,
Lilongamel' ihlabathi.
A-a! Mhlekazi! Nzwan' enkulu!
Haleluya-a-a!
Haleluya-a-a!!

Lambathis' elakowethu,
Mhlekaz' omhle, lambathise!
Lithathe libe lelakho,
Neenkolelo nezithethe,
Sifake phantsi kwephiko,
Sikwelokuzinikela;
Thath' iindawo zeminyanya,
Kunye nemilondekhaya.
Haleluya-a-a!
Haleluya-a-a!!

## Umhobe kaNtu

Nkosi, sikelel' iAfrika,
Maluphakam' uphondo lwayo,
Yiva nemithandazo yethu
Usikelele, usikelele.

*Chorus:* Yihla Moya, yihla Moya,
Yihla Moya Oyingcwele.

Sikelela iiNkosi zethu,
Zimkhumbule uMdali wazo,
Zimoyike zezimhlonele,
Uzisikelele,
Uzisikelele.

Sikelel' amadoda esizwe,
Sikelela kwanomlisela,
Ulithwale ilizwe ngomonde
Uwasikelele, uwusikelele.

Sikelel' amakhosikazi,
Nawo onke amanenekazi,
Phakamisa wonke umthinjana
Uwasikelele, uwusikelele.

Sikelela abefundisi
Beemvaba zonke zeli lizwe,
Ubathwese ngomoya wakho,
Ubasikelele, ubasikelele.

Sikelel' ulimo nemfuyo,
Gxotha zonke iindlala nezifo,
Zalisa ilizwe ngempilo,
Ulisikelele, ulisikelele.

Sikelel' amalinga ethu,
Awomanyano nokuzakha,
Awemfundo nemvisiswano,
Uwasikelele, uwasikelele.

Nkosi, sikelel' iAfrika,
Cima bonke ubugwenxa bayo,
Nezigqitho, nezono zayo,
Uyisikelele, uyisikelele.



## Umkhosi wemidaka

**"Ndim, musan' ukoyika"**

*Le nto umntu ayifi kukwenzeka kwento engayithandi. Sendibona sekuleli xhaphetshu kulilo nje, lokuwela ukuya eFransi; asikuko nokuba bendingazi ukuba kungaba nje. Kodwa xa ke iinkosi zigqibileyo zona-kuba abantu aba ngabeenkosi – ngubanina ongabuye athi khwethekhwethe, kwaze kwathi bekutheni, kwathini?*

*Ndithe kanjalo njengekholwa likaKristu, ndakhumbula ukuba kanene, nokuba le nto ibiseyimnyama ngokwethunzi lokufa.*

Yena uya kuyiguqula ikhazimle nangaphezu kwelanga.

*Ngako oko ke:*

Awu! Ewe, kambe siyabulela!
Lakuth' ikokwethu lisicinge,
Ngokuya kusebenz' emazibukweni,
Ngexesha lalo lokuxakeka.

Besingoobanina thina boomthina,
Ukuba singanced' uKumkani weBritani
Ingangalal' engatshonelwa langa,
Int' elawula umhlaba nolwandle?
Kungoku nesibhakabhak' isingxamele.

Niyeva ke, madodana, niphakamile!
Isizwe senu sisemqulwini wezizwe.
Zeniguye zeniqambe:
Nenjenje – nenjenje!
Nenjenje – nenjenjeya!

Xa nithul' umthwalo wenqanawa.
Zenicace, ninganqeni;
Az' omny' avele ngapha, omny' avele ngapha,
Omny' athi khu ngapha, omnye ngapha,
Ewe, *man*, niyisike ithi tyu.
Xa nithul' intsimbi, *man*,
Zeniyibambe ngeengal' ezingenamkhinkqi,
Nime ngemilenze engenankantsi, *man*,
Niyithi hlasi, niyenjenje;
Nithi ho-ha-heje-e-e!

Le'mgo! – wha-a-a!
Maze xa nithul' idamaneti,
Nokuba yifiyose nerhuluwa,
Nokuba yigesi nesalfure,
Nokuba yiyiphin' int' enomlilo,
Niyithi chu ngobunono,
Ukuz' ingabi nangozi;
Ith' ukuba omnye ithe yamluma,
Yamphalalela, yamthinina,
Nisuke nimyaleze kooyise,
Ngenkonz' ephakame kunene:
Nenjenje – nenjenje!
Nenjenje – nenjenjeya!

Maze nimbambe uKeyzare, nize naye,
Iphele le mfazwe ngephanyazo;
Sizokudla noKeyzare iindaba,
Simbalisel' umhla waseSandlwana,
Simbalisel' umhla waseThaba Ntshu,
Simbalisel' umhla waseMthontsi,
Simbalisel' umhla waseGwadana.
Nith' ukuya kumbamba niye ngobulumko.
Niqhel' ukubamb' ingonyam' ihleli;
Nenjenje – nenjenje!
Nenjenje – nenjenjeya!

Maze nimgcin' uZepelin phezulu,
Ath' akuphos' umlilo nimphosele ngezulu;
Ath' akuthob' ityhefu, nithob' umgubo kaPhezulu!
Ath' akwenza ngegesi, nenze ngeenyosi;
Ath' akuxakeka – akuxakeka!
Akuxakeka – akuxakeka!
Nimvele ngapha, nimvele ngapha!
Nenjenje ukumqhawula, nimrhangqe,
Nenjenje – nenjenje – nenjenjeya!

Maze nibe neliso kuVon Hindonbere:
Yimfene leyo, zenize niyikhwele.

Kubizwe nina nje, kubizw' abokugqibela,
Ihlaz' enilenzileyo zeningezi nalo;
Ubugwal' enibenzileyo ningabuyi nabo.



Zeniyidumis' iAfrika ezizweni;
Nizidumis' iinkosi zenu kanjalo.
Azifananga zanikhupha; ziyazidla ngani.
Zeniwuthobel' umthetho nommiselo.
Wakuw' umthetho zenenjenje
Nenjenje – nenjenje! Nenjenjeya!

Zeniyidumis' iAfrika ngobukroti,
Zeniyidumis' iAfrika ngamandla,
Zeniyidumis' iAfrika ngokuvisisana,
Niyidumis' iAfrika ngempilo,
Ngobukhali beliso nobendlebe.
Ngokuzinza kwengqondo nobuchopho
Ngokuthetha, nokuhamba, nokwenza,
Tyhini le! Nisuke nenjenje – nenjenje!
Nenjenje – nenjenjeya!

Hambani ke, bafondini, niye eFransi,
Nikhumbul' indlala eniyishiy' emakhaya.
Izihendo zoNgendawo zenizoyise,
Kuba nilapho nje, namhla nibingiwe;
Sinenz' idini lesizwe sikaNtu.
Hambani, mathol' ooNyongande kudlelana;
Hambani, mathol' eemaz' ezimabele made;
Hambani, kuba le nto thina sesiyibonile;
UThixo wakowethu seleyijikele ngaphambili.
Hambani ngemilenz' engenamkhinkqi;
Hambani ngeentliziyo ezingenadyudyu;
Ngomzimb' okhaphukhaphu, ngomzimb'
ongenantaka,
Nithi gxanya, gxanya, gxanya, gxanya!
Nithi ngxi-ngxi – ngxi, ngxi!
Nithi ngxi-ngxi – ngxi, ngxilili!!!

## Ukutshona kukaMendi

Ewe, le nto kakade yinto yaloo nto.
Thina, nto zaziyo, asothukanga nto;
Sibona kamhlophe, sithi bekumelwe;
Sitheth' engqondweni, sithi kufanelwe;
Xa bekungenjalo bekungayi kulunga.
Ngoko ke, Sotase! kwaqal' ukulunga!
Le nqanaw', umendi, namhla yendisile,
Nal' igazi lethu lisikhonzisile!

Asinithenganga ngazo izicengo;
Asinithenganga ngayo imibengo;
Bekungenganzuzo zimakhwezikhwezi,
Bekungenganzuzo zingangeenkwenkwezi.
Sikwatsho nakuni, bafel' eAfrika,
KwelaseJamani yaseMpumalanga,
NelaseJamani yaseNtshonalanga.
Bekungembek' eninayo kuKumkani,
Bekungentobeko yenu kwiBritani.

Mhla nashiy' ikhaya sithethile nani,
Mhla nashiy' iintsapho salathile kuni,
Mhla sabamb' izandla, mhla kwamanz' amehlo.
Mhla balil' oonyoko, bangqukrulek' ooyihlo,
Mhla nazishiy' ezi ntaba zakowenu,
Nayinikel' imiv' imilamb' ezwe lenu
Asitshongo na kuni, midak' akowethu,
Ukuthi "Kwelo zwe nilidini lethu?"

Ngesibinge ngantonina ke kade?
Idini lomzi liyintonina ke kade?
Asingamathol' amaduna omzi na?
Asizizithandwa zesizwe kade na?
Ngoku kuthethe ke siyendelisela,
Sibhekis' ezantsi, sihlahla indlela.
AsinguHabheli na idini lomhlaba?
AsinguMesiya na elasezulwini?

Thuthuzelekani ngoko, zinkedama!
Thuthuzelekani ngoko, bafazana!
Kuf' omnye kade mini kwakhiw' omnye;



Kukhonza mnye kade 'ze kuphil' abanye;
Ngala mazwi sithi, thuthuzelekani,
Ngokwenjenje kwethu sithi, yakhekani.
Lithatheni eli qhalo labadala,
Kuba bathi: "Akuhlanga lungehlanga!"

Awu! Zaf' int' ezinkulu zeAfrika!
Isindiwe le nqanawa, 'de yazika,
Kwaf' amakhalipha, amafa nankosi,
Agazi lithetha kwiNkosi yeeNkosi.
Ukufa kwawo kunomvuzo nomvuka.
Ndinga ndingema nawo ngomhla wovuko,
Ndingqambe[1] njengomnye osebenzileyo,
Ndikhanye njengomso oqaqambileyo.
Makube njalo!

1. ndingqambe – ndixhamle; ndizibalule

## Emakhayeni! Emakhayeni!

Emakhayeni! Emakhayeni! Emakhayeni!
Kudala sisebenza ezinzulwini zomhlaba,
Sisimb' igolide namaty' edayimani,
Ezants' emgodini ezimbanjen' zomhlaba;
Namhla ke sifezile. Emakhayeni! Emakhayeni!

Hay' ubumnandi bekhaya, xa usekhaya kanye,
Xa sihamb' emahlathini kumahlath' akowethu,
Xa siphuma ingqina, sibuya nempunzi;
Siphozis' imizimba, kwimilambo yakowethu.
Hiji! Phulaphula! Emakhayeni! Emakhayeni!

Sekuziintsuku, makowethu, salishiyayo ikhaya,
Masibuyel' ekhaya, siyokondl' oozintsapho:
Sibukel' iinkomo siphum' intlazane,
Kwakunye nabafazi bevun' amazimba.
Hiji! Khawuve! Emakhayeni! Emakhayeni!

Masikondel' ukubinza, ukubinza kwenkwenkwezi,
Sisenz' izikhali kwakunye nemikhonto,
Sisenz' amabali, amabali ezizwe,
Kubalw' amadabi, amadabi ezizwe,
Kukhankanyw' amadoda, amadoda egazi;
Nezenzo zobugorha zemihla 'mandulo.
Huntshu! Hiji ke! Emakhayeni! Emakhayeni!

*PE Ngxiki*



## ITyhume – I

Ndinantlamb' ithandekayo,
Inamanz' abalekayo,
Akamnandi sisimanga,
Enjalonje akeva langa.
Yintlambo entle, mfo kabawo,
Ungaz' utsho xa zinayo,
Xa kugqum' ezo ngxangxasi,
Ilizwe lizele ngamasi.

Yintlamb' entl' ekwaneentili,
Eziziba zineentini;[1]
Ezo ntili azichumi,
Yabona! akungephumi;
Zingachumi kutya kodwa;
Azityebe mithi yodwa;
Kukwakokwabo bemfundo,
Ongafun' uphum' ufundo.

Ezo ntili zijikolo
Zizaliswe zizikolo;
Apho singafunda konke
Okufunwa sithi sonke.
Le ntlanjana ke liTyhume,
Mfo, Sotase! ungatsh' ume!
Xa uva iimbali zayo,
Zamanyang' abemi bayo.

Xa kubalisw' ezemfazwe,
Zokungenwa kwelo lizwe!
Amadabi namaduli
Awenzeka kwezo nduli!
Xa kubaliswa ngooSoga!
Sekuthethwa nangooSoha!
OoXhayimpi, nooMabombo!
Amagorh' akuloMbombo!

Yhini le, shenxa, mfondini!
Ndisuke ndive sendimi!

1. intini – isilwanyana esihlala emanzini esitya iintlanzi

Wakuvus' ezakudala,
Buphele kum nobudala!
Namhlanje sikweny' indima,
Itshatshele ngesidima;
YeyeLizwi kwaneMfundo,
Yokucaca nempucuko.

ITyhume likwagqwesile,
Nakuleyo loyisile;
Ilizwe lijong' eDikeni,
ETyhume emthonyameni.
Batsh' eGwal' abefundisi;
Batsh'eNcerh' abefundisi;
Batsh' ukungena koGaga,
Kwezo ntili zineendada.

Watsits' emthombo weLizwi,
Namaphahlothi[2] eLizwi;
Watsaz' umthombo weMfundo,
Namahlakani eMfundo.
Aza ke awona maza,
Lonk' ilizwe alizaza;[3]
IKholeji neLavdeli;
Agubungel' elizweni.

Eli Tyhume! Eli Tyhume!
Noko singasuke sime,
Sinqumame' khe sicinge,
Ukuz' izinto zilunge.
Kwakubonwe ntoni apha,
Ngamanyang' abemi apha?
Aziingqondi zakowethu,
Kwaneenkosi zezwe lethu?

Babelwela ntonin' apha,
Namathamb' abo alapha,
Lalingaka nje ilizwe,
Bezoyisile nezizwe?

2. namaphahlothi – nabameli/nabasasazi belizwi
3. alizaza – alifikelela



Eli Tyhume! Eli Tyhume!
Lasinceda kobu bume,
Alikasivis' izinto,
Ndith' iseza eyona nto.

Mandikuyeke ke uhambe,
Ntlanjan' entle ngokwehobe;
Hamb' uhambe us' ingxelo,
IXesi lolul' ingalo.
Lithi yiyani elwandle,
Nis' umnikelo nilondle,
Ulwandle lusiphe imvula,
Sity' imithi sakugula.

Lusiph' impepho yeentaba,
Sincokolelan' iindaba;
Lusiph' uhlaza lweenkomo,
Int' eyenza isihomo.
Hamba, Tyhume lakowethu!
Kad' usondl' iintsapho zethu!
Liyabulel' izwe lethu,
Kwanabantu bakowethu!

## ITyhume – II

Akunguy' omncinanana
Phakathi kwemilanjana,
Tyhumendini linomgqumo,
Tyhumendini linodumo.

Wathembeka kwizidenge
Eziphila zizidende,[1]
Wazisez' amanz' eentaba
Namhla ngengqina yeentaka.

Waphilis' iinkomo zazo,
Wazondla neentsapho zazo,
Ngamanz' ayole kanye,
Nangobisi olungcwele.

Amanz' akh' aphum' elwandle,
Abuyele kwaselwandle
Nanyakana ayintsintsi,[2]
Akuze ushinte[3] thontsi.

Ezo ntaba ziyangqina
AmaXhosa ayangqina
Tyhumendin', uthembekile
Tyhumendin', ukholekile.

Namhl' iimini zijikile,
Namhl' ubudenge bumkile.
Namhl' ungqongwe zizilumko,
Wondla ezemfund' iintsapho.

Tyhumendini! Tyhumendini!
Ndiphelelwe naziintloni,
Naphakathi kwezi zizwe,
Kungasa ndithetha ngawe!

Kuba ndizalelwe khona,
Ubaw' uzalelwe khona,
Umakhulu ngowakhona,
Ekwayinzala yakhona.

1. zizidende – zizityalo ezingamayeza; zizinto ezimka nomlambo
2. ayintsintsi – mancinane
3. ushinte – uvimbe



Mabathethe ngemiBhashe,
Abenzala yaseMBhashe,
Bamemeze ngoTsukela,
Abo baseluTsukela.

Ndomemeza mna ngeTyhume
Nakubuphina ubume,
Ndimnqul' uThixo wakokwethu,
Ndikumlambo wakokwethu.

Ngena, Gwali, ngothelelo
Kuloo ngxingwa yomelelo.
Ngena, Ncerha, ngena, Krwakrwa,
Ngena, Guburha noGaga.

Nonke ngenani, zintlambo,
ITyhume 'de libe ngumlambo.
Liyabusa kwaweXesi.
Lifundisa amaNgesi.

Lifundisa izizwana
Indlela yokukhonzana,
Kukugoba phantsi komnye,
KubuKumkani obunye.

Mazingene zonk' iintlambo,
Mazomeleze lo mlambo:
Umkhonzile uThixo wawo,
Ngokusez' abantu bakhe.

Lakudlul' eli phakade,
Xa sekungunaphakade,
ITyhume liya kongama
Kwizizw' ezinamagama.

Hamba ke, mlambo kaPhalo,
Sitsho thina bakaTshiwo.
Hamba njal' uqukuqela,
Sitsho ke sikunqulela.

Ngamana kwathi phambili,
Xa izizwe ziziindidi,
Ndibe mna kumthombo weTyhume
Ndineyam' iKherubhime.

Andifuni Joredane,
Ndingafuni naPishone.
Nondixolela, zikhulu,
Eli Tyhume kum likhulu.

Mandiyeke, mandipheze,
Hlez' umz' ud' ungxwabaze,[4]
Ud' uvukwe ngamagunya:
Ngako ke ndiyatshonela.

## Isimemezo sikaSomgxada

*(Fan' ukuba akukho ongaziyo ukuba uSomgxada wayengu-Rev. Dr. Stewart, owasongamela isinala saseDikeni iminyaka ephantse ukuba ngamashumi amane, – indoda eyalwela imfundo namanye amalungelo abaNtsundu beli lizwe ngobukroti nangobulumko.)*

Uyamemez' uSomgxada,
Khaniphume nithi gqada,
Nanko emi kulaa nduli,
Ulindel' abaphenduli.

*Chorus:* Uthi, "Baye phin' abantu bale ndawo?"
Uthi, "Baye phin' abantu bale ndawo?"
"Nditsh' egameni labefundisi bonke"
"Bamahlelo akwelamaXhosa lonke;"
"Ndimi apha nje ke ndinguNdimangele"
"Eli langa nezi ntaba zimamele!"

Uyamemez' uSomgxada,
Utsho kuwe nonomgada,
Nanko kuQelekequshe,
Emelene noGqumahashe.

Uth' ehamba wab' ethetha,
Wath' ehleli wab' ethetha,
Esebenza wab' ethetha,
'De wagula esathetha.

4. ungxwabaze – wenze umbhodamo



Ude wafa esabuza,
Nanamhlanje uyabuza;
Aniwuvan' umtyangampo,
Ngelizwi elimpongampo?

Ngelengcwatyelwe kowabo,
Az' avuke namawabo;
Kulok' ulindel' ilizwi
Kuni madod' anelizwi.

Eli Tyhum' alinamntu na?
Lo Gaga akamiwe na?
NgaseNcerha bathinina?
Gqumahashe, wen' uphina?

Lo mbuzo ngumbuz' omdala,
Kad' ubuzwa ngabadala,
Kwakwabanye bakudala;
Ngowenzala yakwanzala.

Babesithi ngezo mini!
"Nang' umhlaba, sondelani;
Nanz' izindlu, sondelani;
Namasimi, sondelani.

Sondelani kwinto zenu;
Zinikwe ziinkosi zenu;
Phakathi kwelizwe lenu;
Soba ngabancedi benu;

Buyelan' amafa enu!
Thabathan' imfundo yenu!
Sitsho thina, befundisi;
Kunjalonje ngomzingisi.

Sitsho thina, befundisi;
Kunjalonje ngomzingisi,
Sitsho noko sesifile,
Sithetha, sesibhubhile."

Uyamemez' u-Somgxada,
Kode kuve nonomgada;
Umi kuQelekequshe,
Kwintab' akuloDondashe.

## Ilitye lesikhumbuzo

*likaJohn A Bennie, waseLovedale*

*Lo ugama lingasentla ngunyana womfundisi uJohn Bennie, omdala; yena nguyise weChief Inspector. Lo mfo eLovedale phambi kokuba kufike uMr. Geddes omdala, wayephethe ubutitshala, nobondli bebutho (Boarding Master), ekwangumfundisi wolimo. Koko ngelishwa amadodana ezo mini alucekisa ulimo, akaluqonda ukuba luyimfuneko enkulu, njengoko sibonayo namhla. Inkosikazi yakhe, esekhoyo yona nanamhla, yintombi kaRev. Wm. Ashton, omnye wabefundisi bokuqala eBechuanaland (kwelaba-Hlambeli), yaba ngumncedisikazi wakhe omkhulu kwade kwasa ekufeni. Umfo wakwaNgqika, Mr. Wm. W Gqoba, owayekho ukusweleka kwalo mphakathi ngowesi-8, Juni, 1885, xa aminyaka ima-45, akawuhlanganisi umlomo lusizi olwabakho emzini oMnyama noMhlophe.*
*Wade wahlabela umhobe owenjenje:*

Liwile! Liwile! eliny' ithwala-ndwe
Lalo mz' uliDike, lomz' uyiLovedale;
Lishiye iintsizi, kwiintlang' ezininzi,
OMhlophe, noNtsundu, balila igidi.[1]

Balila bethetha ngezenz' abezenza,
Baphinda amazwi akad' ewathetha;
Ufele kwalapho wazalelwa khona,
Ungcwatywe kwalapho wafundiswa khona.

Kumzi lo uNtsundu kuchutywe ukhoko
Lwamhlana wafelwa nguBhene omdala,
Oyena waseka amaty' okuqala
Alo mz' uyiLovedale, uyise kamfi lo.

Balila bethetha abantu bakayise,
Kuba, njengezolo, bebezijejane.[2]
Kulilelw' intombi enkulu kaBhene,
Ebhubhe kwalapha kulo mzi weDike.

1. igidi – kunye
2. bebezijejane – bebelila bengayeki



Seso simbonono sosizi lweentsizi,
Kwiindlodlo ngeendlodlo,[3] kwiindwayi ngeendwayi
Zeentlanga ngeentlanga; zitshelwe sicheko
Njengezabonkolo, nanjengemizoko,

Zishiywe nguyise weendlela-ngeendlela;
Umondli ngelizwi, umncedi ngenyama.

Lovedale, Lovedale, sivelana nawe
Ngendaw' ekuhlele, inxeba lendele;
Zisul' iinyembezi – kwanani, zihlobo,
Kwanani, zindlodlo zalow' umkileyo:

Uhleli, ulel' ubuthongo, uphumle,
Ulinde uvuko lwabo bafileyo,
Belinde ngethemba, belinde ngenkolo;
Uxhamla uyolo, noxolo lomxhelo.

Uhleli ekhaya, kuloo ngqungquthela
Yengcobo[4] engcwele, wonwab' isimanga;
'Msebenzi wakhe usele, uyathetha,
Izenzo, neentetho, ziyashumayela.

*WW Gqoba*

## Mntwanana

Themba likayise,
Vuyo lukanina,
Nkazimlo kayise
Thando lukanina
Lunguwe, mntwanana.

Isazulu, apho
Kuhlangana khona
Ntliziy' ezimbini,
Ntliziy' abazali,
Singuwe, mntwanana.

3. iindlondlo – abantu abangamahlwempu; iindwadunge
4. yengcobo – yentlanganisela

Ntliziy' ezimbini
Zifumen' intlalo
Emnandi ngokobusi;
Imsulwa loo ntlalo;
Ikuwe, mntwanana.

Ingangubanina
Onokwaz' ubude,
Azi nobubanzi,
Bale mfihlakalo,
Inguwe, mntwanana?

Sithombo sobuntu,
Bubomi buqumbi;[1]
Kanti bonk' ubuntu
Buphelele kuwe,
Nyana wephakade.

Abazali bakho
Bema bakhangela
Kuloo mehl' amsulwa,
Ngok' usingethweyo
Babona ntonina?

Bazibona bona,
Beva bekhumbula
Iimin' ezemkayo,
Namathemba abo,
Atshabalalayo.

Awal' amathuba
Abawaphosayo,
Izigqibo zabo,
Mpumelelo zabo
Kwimizamo yabo.

Luhl' uncumo lwakho;
Lubasa umlilo,
Zothe iintliziyo
Ezipholelweyo,
Zithuthuzeleke.

1. buqumbi – bumfiliba



Mahle amehl' akho
Kuba angcwengile
Azele luthando,
Atyhil' intliziyo
Engenasazelo.

Sazelo singcwele,
Ntliziyo imhlophe,
Enj' ukululama,
Yofunyanwa phi na,
Ngaphandle komntwana.

Mntwana! Le nt' ubuhle
Bakho bobelanga
Ungumtha walo na?
Wen' uhlamba ngalo?
Wen' uyalotha na?

Mntwan', ugodukile,
Wonwabe kuYesu;
Kuloo ntlal' ingcwele
Uhlel' ukhanyiswa
Kukukhanya kwaKhe.

Mntwan' unesithsaba
Soloyiso lwakho;
Nawe uyacula
Elo culo litsha,
Livunywa ziingcwele.

Ngoku ndonwabile.
Bekukhe kwamnyama,
Ngoku ndiqondile;
Ndandiba ukufa
Kukutshabalala.

Hleli-nje ukufa
Kukubeka phantsi
Obu budlulayo
Kukwamkel' ubomi
Obungapheliyo!

*F Nomvete*

## Inqwelo kaLizwi

*Ubukumkani bamazulu bufana negwele awalithabathayo umfazi, walifihla ezilinganisweni zozithathu zomgubo, wada wabiliswa uphela. – Mateyu xiii. 33.*

Awu!!!

Ewe kaloku kuyavakala,
Kuyavakal' ukuhamba kwenqwelo
Kwenqwelo yaKomkhulu kwaLizwi;
KwaLizw' ingwangqaza yakulomazulu;
Indlov' enephango yasendulini,
Int' eyakhalim' eGologotha, kwahlokom' ilizwe.
Tarhuni, mabandl' oMnqamlezo,
Haleluya-a-a! Haleluya-a-a!

Iyagoqoz' inqwel' engqindilili,
Ithi; Golokoqo-goqo-goqo!
Ibeth' eThwecu mini yafika,
Yadla kumaNgqika nakumaGqunukhwebe.
Yathi golokoqo-goqo-goqo-goqo!
Yadla kubaThembu nakumaGcaleka.
Wayibhexesh' okaSho kweziphambili;
Watheth' okaElefu kwezilandelayo.
Tarhuni, mabandl' aseGologotha,
Haleluya-a-a! Haleluya-a-a!

Yadla kwabaseMbo, kwelikaHintsa!
Zakhal' izigodlo namaxilongo;
Zakhal' iingwali nemirhube:
Wolul' iphik' elide uGabriyeli;
Sev' ilizwi ngasemva lisithi:
"Nants' indlela, hambani ngayo!"
Wavel' uHagile, watsho phakathi,
Watsho ngazwinye limpongampo!
Wavel' uLampulo, walithelela,
Haleluya-a-a! Haleluya-a-a!

Namhla iyadla kwelamaMpondo,
KwelakwaFaku, kwaNgqungqushe;
KwaThahle, kwaHlamba-ngobubende,
Komkhulu kwaNyawuz' okad' akhile.



Ngade kuphum' "Iindaba zovuy'" eZalu,
Ngade kuphum' imfund' eMfundisweni,
Ngade kuvel' iinkosana ziqave,
Zimzukis' uThixo eQawukeni,
Zimzukis' uThixo eNyandeni.
Haleluya-a-a! Haleluya-a-a!

Hamba, nqwelo yokulwa yakwaSirayeli;
Mininz' imilwelwe kwelakwaBhaca,
Baninz' abafayo kumaXesibe,
Zininz' iimfama neziqhwala kwelakowethu,
Kub' elakowethu lisesesinyameni.
Hamba, Sifuba – lugangatho!
Ndlov' ekumka kuhle kunemigudu!
Hamba, Makhanda-mathathu!
"Ubukumkani baKho mabufike."
Haleluya-a-a! Haleluya-a-a!

## Sebenza!

Nyana wam! sebenza,
Ubusuku buyeza.
Ntombi yam, sebenza,
Ubumnyama buyeza;
Kuya kuphel' ukukhanya
Kuphel' ukusebenza.

Umhla ongowakho,
Yile min' ikhoyo:
Ingoms' asilakho,
Lilw' eli likhoyo.
Ixa eli lelakho,
Ligole[1] lingekemki.

Ngumbethe wobutsha,
Inkosi yamax' obom;
Wen' ukwelo xesha,
Nqobo leyo yobom.
Sebenza ngeli xesha.
Nxa kumpondo zankomo.

Kumpondo zankomo
Sebenza, nyana wam,
Zombiwa neenkomo
Ngamandl' akho, mfo wam.
Jong' empumelelweni,
Sebenzel' ukweyisa.

Yinzima umsebenzi,
Kodwa ulithamsanqa.
Yingxaki umsebenzi,
Kodwa ulithamsanqa.
Ngumxozi wesimilo,
Ngumchweli wesimilo.

Osebenzay' umntu
Ukwenkul' imbeko:
Nene, lowo ngumntu,

1. ligole – libambe



Imfanel' imbeko,
Kub' ufuz' uDal' ubom,
Umlondolozi wobom.

Sebenza ngamandla,
Zama ngenyameko;
Sebenza ngezandla,
Sebenza ngentloko
Ngumthetho wentlalo loo nto,
Yindlela yozuko loo nto.

Ubudala buyeza,
Nentswelo-mathuba;
Intswelo-mandl' iyeza,
Ngoku likhwithuba.
Kwakungen' ubudala,
Siqalil' isiphelo.

Zufeze kakuhle,
Hamba ngomgaq' omhle;
Iindlebe zivule,
Umlomo wuvale.
Ndithi, seka kakuhle:
Wogqiba ke ngobuhle.

*F Nomvete*

## Ikhala

*(Ikhala eli ngumthi othandwa kunene zizinambuzane ezinjengeenyosi neenyoka; liyathandwa kakhulu nangabantu abanengqondo. Andazi ukuba ezi zinto zingavani nje, zivana ngantonina apha ekhaleni. Ngako oko masilinike imbeko yaloo nto.)*

Lo mth' ikhala uthenina?
Lo mth' ikhala unjanina?
Le nto uziintlobo-ntlobo,
Ungenjengamsobosobo.
Uneengcambu njengezomthi
Azikrakra nje bubuthi!
Zima nasexandekeni;
Zimfimfith' emxethukeni.
Wha-a, mthi Khala! Wha-a, mthi Khala!
Usixaki, wena Khala!

Isikhondo mbuntshuntshwana,
Ungathezwa ngabantwana;
Asomile luxwebethu!
Sineengcando zenyebethu!
Njengeengcaba[1] zenciniba.
Ezikude nenyibiba;
Unjalo ke isikhondo,
Umnt' akangezuzi mkhondo.
Wha-a, mthi Khala! Wha-a, mthi Khala!
Uyingxaki, wena Khala!

Akunasebe, mthi Khala!
Akunagqabi, mthi Khala!
Hayi – O! Ndaxoka, mthi Khala
Kodwa unameva, Khala!
Amasebe la unawo;
Namagqabi ukwanawo;
Ezo nto zindengendenge
Angatsh' umnt' abe sidenge.
Wha-a, mthi Khala! Wha-a, mthi Khala!
Uyinkabi, wena Khala!

1. njengeengcaba – njengemicondo; iingcondo



Gqabi, sebe, kuwe kunye,
Kwanameva ndaweninye,
Akroziswe ngokomkhosi
Oza kulwela iinkosi.
Incindi! Asibobuhle!
Kodwa noko – yenza kuhle:
Nal' ilizwi livakala
"Yeka bubuhle baKhala!"
Wha-a, mthi Khala! Wha-a, mthi Khala!
Uyindoda, wena Khala!

Kwale kwinzul' obusika,
X' ingqel' iman' ukusika,
X' imith' itsho yamkhuthuka
Watsho ngentyantyamb' uKhala!
Int' ebomvu ngokomkhala!
Iwadele loo mahlwantsi,
Neeqabaka ziwe phantsi.
Wa-a, mthi Khala! Wa-a, mthi Khala!
Uyindoqo, wena Khala!

Loo ntyatyambo k' inencindi
Ongabeth' umntu ngenqindi,
Eth' iphuma kwakwiKhala.
Ayimnandi, ungakhala!
Mfimfitha loo ncindi, nkosi,
Udywidane kwaneenyosi;
Kodw' ulumkele ndawana,
'Dol' ube sithwabanyana.[2]
Wha-a, mthi Khala! Wha-a, mthi Khala!
Unobugqi, wena Khala!

Ufana nomhlobo, Khala!
Ufana nembongi, Khala!
Zona nto ziyolisayo,
Nok' intliziyo yophayo;
Iphuma phina yon' incindi,
Kobukrakra buyindindi?
Luphuma phina olu yolo

2. isithwabanyana – into egevezelayo (amadolo)

Kwingxakangxaka yengxolo?
Wha-a, mthi Khala! Wha-a, mthi Khala!
Uyimbongi, wena Khala!

Lith' ikhala, yenjenjalo,
Nawe yiba kwanjengalo;
Rhol' uxolo mhla ngemfazwe;
Rhol' uyol', unced' isizwe;
Onk' aNtsundu kwanaMhlophe
Amagqirha ngokumhlophe
Kumthi khala ayazuza,
Az' umfi abonwe ezuzwa.
Wha-a, mthi Khala! Wha-a, mthi Khala!
Ungumfundisi, Nokhala!

Siyabulela, mthi Khala,
Nak' uva siphalaphala:
Bubumnandi bokub' ukho,
Esizweni usisipho.
Hlal' uzole, mthi wakowethu,
Sikhonze isizwe sethu;
Ungakuva bekugxwala,
NeNkos' akho bayigxwala.
Wha-a, mthi Khala! Wha-a, mthi Khala!
Uyinzuzo, wena Khala!

Bazuzise amagwada;
Bajoje bakhup' ingada;
Bavumele bazigede,
Kwanezisu kuthi gede.
Masimbulele uThixo
Osinike isitshixo,
Sukuba sifike kuwe,
Sizuze lungaka ngawe.
Wha-a, mthi Khala! Wha-a, mthi Khala!
Bhota, bhota ke, mthi Khala!



## Imbalela

Satsha luqhwithela, satsha, Sozinceba!
Baf' abantu bakho, khawubenzel' inceba!
Sicela imvula, sicela imvula,
Sicela imvula, sitsho ngokugula!

Camagu, Mhlekazi, ngas' isono sethu!
Ngesono soobawo neesenkosi zethu;
Sicela imvula, sicela imvula,
Sicela imvula, sitsho ngokugula!

Limi ngaphambili namhl' ityala lethu,
Simi ngaphambili kwanesono sethu!
Siza sisithwele, sesitarhuzisa;
Kuphelile namhl' ukudungudelisa!

Camagu, Mhlekazi, tarhu, Nkosi yethu!
Tshawe lamaTshawe, tarhu, Bawo wethu!
Camagu, Somandla, Nyana wakh' uYise!
Gxotha, gxoth' imbandezelo, uyoyise.

Asiswele themba, sesizile Kuwe
Akuzang' usikhalale kub' iNguwe.
Silapha nje namhla, sikucel' uxolo
Koko sityhafile, siluswel' ukholo.

Kodwa tarhu, Bawo, sicela imvula!
Siph' eyokulima kwaneyokuvuna!
Ngegama loYise, negama loNyana,
Negama loMoya, ngokuvumelana.

## Isikhungo semvula

Nceda, Nkosi enamandla,
Ngobubele bakho;
Siphelelwe nangamandla
Ebusweni baKho.

Uluntu lwatshabalala
Ngokohlwaywa nguwe;
Gxotha oku kubalela,
Bekuthunywe nguwe.

Sikonile, sikonile,
Ngokukhulukazi;
Lonk' uhlanga lukonile,
Camagu, Mhlekazi!

Sone konguBawo wethu,
OyiNkosi yethu;
Sone konguThixo wethu;
ICamagu lethu.

Thob' imvula yamazulu
Phezu kwezwe lethu,
Sitsho kuwe, Gama-Khulu,
Umnye nibaThathu.



## Ukubulela imvula

Imvula, imvula, iphiwe ngesisa!
Lugxothiw' uqhwitha obelusitshisa.
Yizani sigobe, senze umbulelo;
KuMtriniti omnye, owenz' uxolelo.

Asenzanga buhle bufanel' inyhweba,
Besingasamelwe kukwenzelw' inceba,
UloThixo omKhulu, ohlal' ezulwini;
Namhla sidanile sinyus' amadini!

Le mvula yanamhla isiphuthumile,
UThix' ubukhulu usibonisile,
Yizani, zinkosi nabantu booyihlo,
Yizani sigobe, senze umbulelo.

KuMang' angalanywa, engayi kwalanywa,
Ngaliso lothuli, ngaliso lanyama,
Osikwe yinimba ngeentsizana zaKhe
Wathulul' imvula kumazulu aKhe.

Hozana, Hozana! Wen' useNyangweni,
NguYise woNyana omi eSangweni,
YiMvana yeeMvana! LiXhwane leXhwane!
UDolo-hle Yena, ongasekunene.

Badanile bonk', abebevuyelela;
Yitshoni nivuya ukumemelela
Ihashe nomkhweli bajulelw' elwandle,
Indlala nokufa zilahlelwe phandle.

NguYeza-mhlonyane, omi ngaseziko,
IGqirh' elikhulu, iNgqang' enephiko;
Sothi sakulamba size sitye Yena,
Sithi sakunxanwa sisele kwaYena.

Imvula, imvula ithotywe ngoxolo,
Izilwana zonke mazibe nokholo.
Abantu bomhlaba, omncinci nomdala,
Mabadume kunye, bathi "Haleluya."

## Imvula

Imvula! imvula!
Mayine ihlamb' ilizwe;
Zivuye zonke izizwe.
Imvula, imvula,
Mayine imvula!

Yina, yina, mvula!
Bayavuya abantwana,
Badlala nemidlalwana;
Imvula, imvula!
Yina, yina, mvula!

Iyana, iyana!
Iyadlob' impahl' enkulu;
Nencinan' ivuya kakhulu;
Imvula, imvula!
Bhota, bhota, mvula!

Yina, mvula, yina!
Kuvuy' ingca kwanemithi,
Nezityalo zithe phithi,
Imvula, imvula!
Sibulel' imvula.

Yina, mvula, yina!
Yina mvula kad' ungani,
Sisith' iinkomo zotya ni?
Imvula, imvula!
Sayibona k' imvula.

Imvula, imvula!
Namhla kuphiliwe,
Namhla kuvuyiwe;
Imvula, imvula!
Umhle, umhle, mvula!



## Imvula nohlaza

Iyana imvula, iyana imvula!
Abalek' amanzi, angath' ayadlala!
Agutyul' izibi, agutyul' izibi!
Agutyul' izifo, emka namabibi.

Luyeza uhlaza, luyeza uhlaza,
Kuphum' abalimi, badal' ubusaza![1]
Ayez' amagqabi, iint' eziluhlaza,
Zivathis' imithi ngengub' eluhlaza.

Zokhe zity' iinkomo, zirhabuz' utyani,
Zirhabuz' utyani, zirhabuz'[2] utyani!
Zisele kamnandi, zehlise ubisi,
Azal' amathunga, azale lubisi!

Kuza kuba kuhle nasemasimini,
Wakuphos' iliso xa sekusemini!
Kuntshul' izithombo, zeziye zikhula,
Zeziye zikhula, zeziye zikhula.

Hay' ke beth', imvula, hay' ke beth' imvula!
Bulelani Lowo usipha imvula!
Ityebis' iigusha, ityebis' iibhokhwe,
Ezenza iingub' ezintle, kwaneelokhwe.

Umhambi asele amanz' ebaleka
Amanzi amatsh' angakucekiseka!
Hay' ke beth' imvula! hay' ke beth' imvula!
Masimbulele Lowo usipha imvula!

Xa sesihlakula, xa sesihlakula!
Sesiman' ukuthso, sisusa ukhula;
Sisalusa impahla, sisik' ingqolowa,
Sitsho ngesekile, sisik' ingqolowa.

Kuza kube kuhle xa sekusekwindla!
Zitsholoz' iintaka, zitsho zisindla;[3]
Sithwel' amathanga, sipheth' amazimba;
Sitsho ngezikhwebu sizisa koovimba.

1. ubusaza – bathi saa
2. zirhabuza – zigramza
3. zisizindla – zinike ingcingane nomfanekiso ngokwenzekayo

Imvula, imvula, iza namabhaso!
Iphilis' isizwe kwanezilo zaso,
Ihlaziy' ingqondo, luqhube uluntu;
Isikhumbuz' uMdali, umthandi wabantu.

## Intlakohlaza

Seyidlul' imihla yeSilimela,
Iqabaka nengqele imkile,
Umkhenkce nekhephu linyibilikile,
Uqhwithel' oloyikekayo ludule
Sikushiyile, Silimela.

Khumbulan' imihla yenyang' eNtlaba,
Nithi nga 'de nibamb' imilomo,
Ngenxeni yemimoy' eyavuthuzayo;
Kwaw' izindlu kwabhukuqek' imithi.
Sala, wethu, nyang' eNtlaba.

Namhlanje sibulisana neyeThupha,
Inyang' eza isiphathel' ihlobo;
Ikhawuleze yafik' inkungu nombethe
Naz' iimini ziqalile ukuba shushu.
Hlala nathi, wena nyang' eThupha.

Owamahlathi uphezu-komkhono,
Yen' esisandulela sehlobo,
Selesibikele ngokuthwasa kwalo.
Lungisan' iipuluwa zasemlungwini,
Ixesha lidlula msinya.

Khangel' iinyibiba zityatyambile,
Idwarha nemithwan' ihlumile;
Iintili zivathiswe ngengc' eluhlaza;
Kuzo ke kudlob' amathole neegusha
Ifikil' iNtlakohlaza.



Sezikhe zakhonya zagqub' iinkunzi,
Ziyazala neemazi zenkomo.
Kugwadlwana nemithubi ngamakhwenkwe,
Selelungisw' amaselwa neemvaba
Hlala nathi, Ntlakohlaza.

Kukh' ilif' elivel' entshonalanga,
Kukh' umbane neendudumo kulo.
Iintaka zibethanis' amaphiko azo.
Yonke le miqondiso isalathisa
Ngehlob' eliza kubakho.

Vukani, madoda, nifinyeze!
Omfutshane nguwona unguwo.
Ukuphila kufunyanw' ekulimeni;
Nizifundisiw' iindlela zokulima,
Phakamani, bethu, nenze.

Nize nityale umbona namazimba,
Ningawalibal' amathanga,
Kuba nawo aluncedo olukhulu,
Ekuphelisen' indlal' elusatsheni,
Xa sekuswelek' icebo.

## Ixesha

Ixesha linqabile
Ngaphezu kwemali.
Thina besingazi,
Sibangwa kungazi.
Nditsho ngobulali,
Ixesha linqabile.

Ngoko sukel' ixesha:
Ngamend' akho onke,
Nokuba wenzani,
Nokuba kuninina,
Yenza ngako konke,
Ngoko sukel' ixesha.

Umzuzwan' omncinane,
Ongangephanyazo,
Uyinto ngobunto;
Nangawo gqib' into,
Loo nt' ayilohlazo,
Umzuzwan' omncinane.

Ixesha liyinzuzo,
Kolisukelayo;
Unenzuzo enkulu
Yomhlaba nezulu,
Olitsibelayo;
Ixesha liyinzuzo.

Ungashiywa lixesha!
Malingakuphosi;
Asint' ib' ibuye,
Isuk' iphuncule.
Ndihlaba lo mkhosi,
Ungashiywa lixesha!

Ndivumele ndipheze,
Hlez' ud' ulibale;
Kodwa ndiyaleza
Njengokukweyeza
Ungaz' ulibale,
Ixesha ulifeze.



## Inyaniso

Makuthethwe inyaniso,
Emhlabeni wonke;
Makuthethwe inyaniso,
Ezizweni zonke.

Iyinzuzo iphelele,
Le nto inyaniso.
Iinto zonke ziphelele,
Le nto inyaniso.

Isindis' ezingozini,
Le nto inyaniso,
Ihlangul' emngciphekweni,
Le nto inyaniso.

Ikukhuph' ematyaleni,
Le nto inyaniso,
Ikubek' ezimbekweni,
Le nto inyaniso.

Thenga, theng' izinto zonke,
Ushiy' inyaniso
Ulihlwempu ngeento zonke,
Ngenxa yenyaniso.

Thengisa ngezinto zonke,
Ushiy' inyaniso
Usityebi seento zonke,
Ngenxa yenyaniso.

Inyaniso! Inyaniso!
Ewe, inyaniso
Inyaniso, inyaniso,
Ewe, lixabiso!

## Ucoceko – I

Le nt' iza ngokuzoyisa,
Kuba kusihlwa kusisa;
Kukh' idabi elikhulu,
Lineengozi ezinkulu;
Eli liwa ngumntu yedwa.
Evukelene kwayedwa.

Ezo mfazw' azilanyulwa,
Kuzo akukho kwahlulwa;
Kulw' umzimba nomphefumlo,
Kulw' uthuli kwanomxhelo;
Omny' utsalela kowabo,
Omny' utyhalela kowabo.

Kude kufe olufayo,
Koyiswe owoyiswayo;
– Kub' umntu l' untlanga mbini,
Ehamba nje umbaxa-mbini;
Kukho ke omakoyiswe,
Kukwakho nomakoyise.

Uba mnye mini afayo,
X' elow' agodukayo;
Xa umoy' uye kowawo,
KuLowo wawukhuphayo;
Xa umzimb' uba luthuli,
Owavela kul' uluthuli.

Lufik' apho k' ucoceko,
Ubunyulu nemfezeko;
Kulo mntu woyis' umzimba,
Neenkanuk' ezizidumba;[1]
Neminqweno eyimfumba,
Ihlokondiba lomzimba.

1. ezizidumba – ezininzi



Umzimb' onekratshi ufe,
Onk' amandl' egazi afe;
Ayibophelel' inyama,
Namalung' ayo amnyama,
Awalawule ngokwakhe
Enze ukuthanda kwakhe.

Amandla alo mntu, yeka!
Eqale ngaye nje, yeka!
Uza kulawula nesizwe,
Liphatwe nguye nal' ilizwe;
Enethelez'[2] elinzima,
Engahlalwa yinkunkuma.

Uthe qoko ngokweqhashu,
Uthe shinyi ngokomqwashu,
Ubumbene, uyint' enye;
Int' athetha yona inye;
Izwi lakhe 'sisu sakhe,
Ngumzimba nomoya wakhe.

Ehamba nj' akanavumba,
Labudyubhu babuvumba;
Akangenwa nayimpehla,
Akanamafuth' aphehla;
Uhlambuluke sululu,
Ucoceke wayinyulu.

Woyikwa nangumkhuhlane,
Njengomnyama kwisibane;
Yonk' inkcukacha yeenkcuku,
Namagqugul' obusuku,
Yen' uwabetha ngenzimba,[3]
Atsh' efohl' aye kufumba.

2. enethelezi – enobunyulu
3. ngenzimba – ngesithinzi

## Ucoceko – II

*(Isiqendu sesibini)*

Le nt' umntu onococeko,
Wenz' izinto ngemfezeko;
Wabaselwa wakroqeka,
Wathi khonqo wagcadeka;
Zonk' iintsizi, zonk' iintlungu,
Zamxovula wasithungu;
Akukho nt' isamngenayo,
Engenant' imnqabelayo.

Izandla zakhe zezimhlophe,
Intliziyo ikwamhlophe;
Le nyama ayimngcolisi,
Kuba akayixokisi;
Uyoyise yamvumela,
Wayibopha yamthambela.

Uyoyikwa, akoyiki,
Yonk' inqambi akayityi;
Uyingcathu ekutyeni,
Uyakheth' eziselweni,
Unempil' entle kunene,
Esekwe phezu kwenene.

Sinqwenelwa ngumntu wonke,
Isimilo sakhe sonke;
Nabo bamsinekelayo
Zint' ezabotshelelwayo,
Umoya nemiphefumlo,
Lwakwinyam' ulongamelo.

Ngamakhoboka ke lawo,
Akasinekelwa ngawo;
Usinekelwa luthuli,
Kub' engaluphulaphuli;
Iinkwintshana zabo zona,
Zitsho ukuthi, "Niyona!"



Ngoko qhuba, mfo kabawo!
Nawe ke, ntombi kabawo!
Loo nto ke sithi similo,
Iyamzel' umntu nempilo,
Nazo zonk' iintsikelelo,
Kunye nezithamsanqelo;

Athong' amathong' amahle,
Abon' imibon' emihle;
Aphuncule akungqingwa,
Achithele akubhungwa;
Yint' enjalo ucoceko,
Luloyiso, yimfezeko.

Qokozeka ngokweqhashu,
Alitshe ngumlil' oshushu;
Nanjengegolide ebomvu,
Etshe kumazik' abomvu;
Kukuz' ibe nexabiso,
Elingenamlinganiso.

Ukholo luzuz' iindawo!
Ithemba lime ngeenyawo!
Uthando lube kwakuwe!
Uloyiso lume kuwe!
Woyikwe nangamagorha,
Akubalek' amagqwirha.

Ngoko ndithi qokozeka,[1]
Yiba nyulu kucoceka;
Wobona ngempumelelo.
Isiza kuwe ngomelelo;
Woyis' ezasemhlabeni,
Woyis' ezasezulwini.

1. qokozeka – yenza izinto ngendlela

## Umfo endimthandayo

Ndithand' umf' ongoyikiyo,
Ndithand' umf' ongaxokiyo,
Ndithand' umf' ongahexiyo,
Kwintetho angumniniyo.
Nanko k' umf' endimthandayo!

Ndithand' umf' okhutheleyo,
Ndithand' umf' othobileyo,
Ndithand' umf' ophaphileyo,
Ndithand' umf' ofundileyo!
Nanko k' umf' endimthandayo!

Ndithand' umf' othand' uxolo,
Ngeenkqwithel' abe noxolo;
Ndithand' umf' othand' ukholo,
Angenzi nto engenankolo.
Nanko k' umf' endimthandayo!

Ndithand' umf' othand' isizwe,
Alambe ngenxa yesizwe;
Ndithand' umf' othiy' imfazwe,
Kodw' alwe ngexa lemfazwe.
Nanko k' umf' endimthandayo!

Ndithand' umf' ohlamba futhi,
Ndithand' umf' ofunda futhi,
Ndithand' umf' olima futhi,
Ndithand' umf' oguqa futhi.
Nanko k' umf' endimthandayo!

Ndithand' umf' othand' umkakhe,
Kunye nabantwana bakhe,
Athande abazali bakhe,
Athande ityalike yakhe.
Nanko k' umf' endimthandayo!

Ndithand' umf' othand' iwabo,
Kwaneentombi zakowabo,
Umfo ongenalonwabo,
Kwakonakala kowabo.
Nanko k' umf' endimthandayo!



Ndithand' umf' ongaqumbiyo,
Ngenxa yeentetho zentiyo,
Umfo ongarhapuziyo
Ngumsindo, onganxiliyo.
Nanko k' umf' endimthandayo!

Ndithand' umf' akuba nekratshi,
Libe lelingcwele ikratshi;
Ndithand' umf' ongelotshitshi,
Ongahambiyo namatshitshi.
Nanko k' umf' endimthandayo!

Ndithand' umfo onempilo
Yomzimba, neyomphefumlo;
Omsulwa ngakwizingcolo
Zezifo, nakwezomxhelo.
Nanko k' umf' endimthandayo!

## Umntu ovimbayo

Le nto umntu ovimbayo
Yint' eluvo lugungqayo;
Ngelevelwa ngabaphayo,
Kub' ufana nomnt' ofayo.

Unesif' esibuhlungu
Esimzalise ngentlungu,
Samtyhutyh' onke amalungu
Wanentliziy' ebuhlungu.

Ubuthongo akabuva,
Kwanokuty' ok' akakuva;
Ubunt' obu akabuva.
NobuKrestu akabuva.

Ubumnand' ob' akabazi,
Ububele akabazi;
Ulonwab' ol' akalwazi
Nochwayito akalwazi.

Yena wayam' emoneni;
Uthembele elunyeni;
Unakratshana lingeni,
Liqamel' ekuvimbeni.

Mhlawumbi le nto iyimfuza;
Mhlawumbi le nt' asiyomfuza;
Yayimfuz' ayabi mfuza
Soyeka na ukumkhuza?

Singemgqibi ukumlanda,
Ubaze ngokwesilanda;
Kanti noko siyamthanda,
Asifuni nokumlanda.

Igama ngu "Ntwanazakhe",
Ocinga ngeentwana zakhe;
Olahl' izihlobo zakhe,
Walahla neenkosi zakhe.

Ngu "Magongomandifihle,
Kwababendipha ndifihle,
Kwabohlanga undifihle,
Kwabegazi lam ndifihle."

Masimyeke beth', ahlale,
Aty' ahluthe ad' alale;
Wob' avuk' adabalale,
Kweso simb' atshabalale!
Bhota, mhlobo, Ntwanazakhe!



## Umona

Esi sifo singumona,
Nqwa nokhwekhw' olu, ke khona,
Akonwabi umniniso,
Uyangcungcutheka siso.

Ngunozala weentw' ezimbi,
Umnt' onaso nayo mbi,
Ungafika enochuku,
Ethukuza njengentuku.

Esi sifo sinenzondo,
Siyanuka njengomzondo,
Siqhubel' entolongweni,
Sirhuqela elishweni.

Onomona uyavimba,
Noxa sebezel' oovimba,
Akakhathali ngofayo,
Ulibala nabamphayo.

Umnt' x' aya kuba ngumntu,
Makaqond' iinto zobuntu,
Makagxothe amakhwele,
Kwanomona awuswele.

Ungaqhel' ukuzincoma
Ebantwini uyazixhoma.
Thob' ubathimb' iintliziyo,
Kwanabo bangakwaziyo.

Unomona, ungcolile,
Noxa ngath' uzolile;
Enenen' ukhohlakele,
Nangezenzo wonakele.

Gxoth' umon', ukuz' uthandwe!
Thand' abant' ukuz' uthandwe!
Bek' abant' ukuz' ubekwe!
Gxot' ikratsh' ukuz' ubekwe!

*WD Cingo*

## Isifo sochuku

Umnt' onesifo sochuku,
Unamgaqwana wempuku;
Uyimfama ngokwentuku,
Uphandula[1] ngokwenkuku.

Ungqongwe zif' ezininzi,
Zinjalo nje ziziinkunzi,
Zimtsho wolo, zamtsho zinzi,
Watsh' igama wangu"Ninzi."

Ulunya nentlebendwane,
Umon' umenza imfingwane;[2]
Ngokuvimba yinjovane,
Ndithetha ke lulovane.

Ndithi loo nto ngumkhunana,[3]
Owome walukhunana;
Lufele namathanjana
Negaz' eli ngamanzana.

Makayekw' azihlalele,
Iinto zakhe azenzele;
Woz' abuy' azicingele,
Aqale azithandazele.

Zonk' izinto zinempilo;
Neemfihlelo zinentyilo;
Nalo mhlobo unomlilo,
Woz' uvuth' azuz' impilo.

1. uphandula – uqhwaya
2. imfingwane – umntu ontshingi-ntshingi
3. ngumkhunana – yingqaka esemlonyeni weselwa



## Linga kwakhona

Esi siyalo uz' usigcine;
Linga kwakhona!
Xa woyiswayo uz' usicinge;
Linga kwakhona!

Xa sekunzima, kuqinileyo,
Phind' ulinge.
Xa kulusizi, udanileyo,
Phind' ulinge.

Akukho ntloni, akukho hlazo,
Kulithamsanqa, kukwayinzuzo;
Thath' izixhobo, zama kwangazo,
Phind' ulinge.

Xa sewufun' ukoyisisa,
Linga kwakhona.
Qonda la mazwi, ayavisiswa;
Linga kwakhona.

Zonk' izityebi, bonk' abembeko,
Zonke iindidi, zadel' ugxeko,
Zanomzingiso kolu baleko
Linga kwakhona.

Atshwamadoda, zatshwiintokazi,
Phind' ulinge
Zaphumelela, kwingxakikazi,
Phind' ulinge.

Akuncedi nto, ukubuy' umva,
Uya kutshona, ungabhek' emva;
Zikis' ingqondo, zama ukuva;
Phind' ulinge.

*WD Cingo*

## Ukuvulwa kwezikolo

Ziyavulwa, ziyavulwa!
Ziyavulwa izikolo;
Siya kulwa, Siya kulwa!
Nobudenge kwanenkolo.

Amakhaya siwashiya,
Noko sibe siwathanda;
Eli duli siyaliya
Ngokungekho namathanda.

Ubumnyama busahleli,
Phakathi kwesizwe sethu;
Umz' untywilil' elishweni,
Wophuma ngoncedo lwethu.

Siya kulwa, siya kulwa!
Sifunzwe ngomsind' omkhulu.
Sakugilwa siye kuwa,
Sovukel' ekulweni kakhulu.

"Kuf' ayayo, kuf' ayayo!"
Litsh' ilizwi lokufunza.
Indod' iqubul' ezayo,
Ingacingi ngokubuya.

Sezilapho neetitshala,
Amagorha amakhulu.
Selexhobe agqibela
Ngezixhobo ezinzulu.

Zixhobe unyamezelo,
Zixhobe ukholo nothando,
Umthandazo nentembelo
Kanti noko zinephango.

Axhobile la madoda,
Asizuzisa lukhulu;
Thina sithi ngamadoda,
Ngokwenenekaz' enkulu.

Sifundisw' iimpembelelo
Zokunced' uhlanga lwethu,
Sifundisw' unyamezelo
Lokuthwal' isizwe sethu.

Ziyavulwa, ziyavulwa!
Izikolo ziyavulwa!
Ngezi ngqondo siya kulwa,
Sakh' inqaba eliliwa;

Silishiye eli lizwe
Liphakame laphezulu;
Izizamva zeli lizwe,
Zilihlale ngokwezulu.

## Iholide

Khaniphuml' ezifundweni,
Khaniphuml' ezibalweni;
Kukade nithwele nzima
Ngaphezulu kokulima.
Khaniphumle, khaniphumle, madodana,
Khaniphumle, kwanani mthinjana.

Kuthe khona kulo nyaka,
Kwafumane kwathi nyaka!
Izifundo zangangengca.
Kwasikw' imizi nezingca.
Khaniphumle, khaniphumle, makhwenkwana,
Khaniphumle, khaniphumle, ntwanazana.

Kade niyitshis' ingqondo,
Kwade kwanga kutsh' idobo;
Buyaluzel' ubuchopho
Ngokwezintlwa zesixhobo.
Khaniphumle, khaniphumle, bafanana,
Khaniphumle, kwanani mathokazana.

Niziqwelile neemviwo,
Ngent' ezingenalwaziwo;
Ngeelwimi zasezizweni,
Natsho wancam' umnt' ezweni,
Khaniphumle, khaniphumle madodana,
Khaniphumle, khaniphumle mlisazana.

Khanisezele umoya,
Nemidlalo enesoya,[1]
Niqokelele nibutha,
Indalo nenz' amafutha,
Nicinge ngobuhle bayo,
Kwanangay' uMdali wayo.
Khaniphumle, khaniphumle
Ngokwenene khaniphumle;
Zeniphumle ningalali,
Elixa ningalibali;
Khaniphumle, khaniphumle, khaniphumle.
Inkos' ibe nani, niphumle, niphumle.

1. enesoya – emnandi; enomdla



## Iqaqa liqhawuk' uqhoqhoqho

Iqaqa liqikaqikek' eqaqaqeni,
Laqothek' umnqonqo, laqhawuk' uqhoqhoqho;
Wee qhaphu noQaqa eqhiwule umqoqwa,
Eqoq'[1] ezo ngqaqa zeNqonqo neNquqhu,
Enqand' elo qaqa lingaqikiqeki,
Liqothaqotheke liqhawuk' uqhoqhoqho.

Zingqiki-ngqiki ke zengqotha-qikili,[2]
Kuqhuqhumb' iqhashu kunqanqaz igqaza,
Kuqine zinqawa nakunqanqatheka,
Kunqatyw' inqudenqu[3] kwezamaqungequ,[4]
Kunqandw' elo qaqa lingaqikiqeki
Liqothaqotheke liqhawuk' uqhoqhoqho.

UQaqa noQoqo baqoq' iQhagqiwa,
Baqabel' iNgqeqe noQelekequshe;
Banquml' iNqoloqho kwanoQoboqobo
Bagqiba ngengqina yenqatha lomnqonqo,
Benqand' elo qaqa lingaqikiqeki,
Liqothaqotheke liqhawuk' uqhoqhoqho.

Yaqala k' ingqongqo yagqiba ngengqungqo,
Aqamb' amaqhaji kwaqhoqhoz' ingqolo;
Aqul' amaqulo aqulath' uqunyo,
Agqoloq'[5] ingqaqu[6] kwaqhawuk' inqwemesha,[7]
Kunqandw' elo qaqa lingaqikiqeki,
Liqothaqotheke liqhawuk' uqhoqhoqho.

Nqand' uqongqothwan' enqonqoz' ubugqirha,
Ngumnqonqozi qhanqo, yingqweqwe yeqwela;
Liqothaqikili umnqunqu weqwiqwi,
Aqwel' eqweqwed' igqala loqhimgqoshe,
Lanqandek' iqaqa liqothaqotheka,
Waqhawuk' uqhoqhoqho, lanquma k' inqatha.

1. eqoqa – esihla enyuka
2. zengqotha-qikili – zomntu onamaqhinga
3. inqudenqu – ubumnandi
4. iqungequ – elona cikilitshe likhulu
5. agqoloda – axhuma-xhuma ngemivuyo yoloyiso
6. ingqaqu – umxhentso wamadoda
7. inqwemesha – iqoqo okanye ikhonkco lexina okanye lobhedu elihlonywe kumtya wenkciyo; umtya wethwathwa okanye webhayi ophothiweyo ohlohlwe la maqoqo

## Iqoqa lengqongqo

Linqunqen' iqoqa,
Lengqongqo nengqungqo,
Ninqunq' umqaqoba,
Umth' ogquzu-gquzu.

*Chorus:* Ngqi-ngqi-ngqi-ngqi!
Ngqo-ngqo-ngqo-ngqo!!
Sh-sh-sh-sh-sh –
Sh-sh-sh-sh-sh –
Ngqi-ngqi-ngqi-ngqi!!
Ngqo-ngqo-ngqo-ngqo!!!

Qalani ngengqongqo,
Ngengqaqu nengqungqo;
Ningqumshel' igqumo,
Kuqoqoz' iqula.

Nqunqan' uqaqaqa
Ngezingqi zengqongqo;
Kuqhuqhumb' iqaqa,
Aqumb' uqhimngqoshe.

Qoqa lomqaqoba
Laqungquth' ingqongqo;
Zaquth' iminqonqo
Iz' nqonqo[1] zengqeqe.

Qoqan' iqoq' elo!
Ngqongqotho zeNququ,
Zagqogq' iGqogqorha
Ziqingq' izigqigqi.

Qwaqwadu lweQweqwe,
Manqab' inqudenqu,
Yomqol' equngequ;
Ngqongq' oSogqugqugqu!

Qamkaz' elingqoqo;
Qakanc' ogqezegqe,
Qungquta lengqongqo,
Ungqaqul' ingqaqu!

1. izinqonqo – abantu okanye izilwanyana eseziqinile okanye iziqololwane zamadoda



## Ixoxo nomxhaxha womxoxozi

Lixaben' ixoxo ngomxhaxh' omxoxozi,
Lanxanxaz' ingxungxu, lixhom' izixengxe;
Ixoxo kaloku loxoxw' umxoxozi
Lixoxw' umxhafel' onxafa-nxafa,
Kuxhonyw' inxubusha kunxonxw' inxonxwana
Kunxanxazw' ingxungxu yomxhaxh' omxoxozi.

Lixaben' ixoxo ngomxhaxh' omxoxozi,
Lanxanxaz' ingxungxu, lixhom' izixengxe;
Linxanxadi-dala lanxanw' eNgxingxolo.
Lixhamla-nxaxheba zagxegxesikazi;
Kuxhomen' eNxaxo, kwaxhoman' eMxwexwe,
Kuxhelwe maxhwane, kuxhelw' eXhukwane.

Lixaben' ixoxo ngomxhaxh' omxoxozi,
Lanxanxaz' ingxungxu, lixhom' izixengxe;
Kwangxam' uXokiw' ingxazangxazakazi;
Waxox' ingxoxwan' aph' engxakangxakana;
Waxel' inxanxadi ligxek' amagxagxa,
Waxox' izixwexwe zomngxeng' engxangxosi.

Lixaben' ixoxo ngomxhaxh' omxoxozi,
Lanxanxaz' ingxungxu, lixhom' izixengxe;
NguGxagxa-ngxubula, gxagxis' amagxagxa.
UXox' ixhalang' elixhom' eXhokonxa,
NgaXuka naNgcwenxa kumaxhankaxhaka,
Xonxa neXilinxa kungamaxhaxhaxha.

Lixaben' ixoxo ngomxhaxh' omxoxozi,
Lanxanxaz' ingxungxu, lixhom' izixengxe;
Xolani, maxoxo, inkal' ixing' etyeni,
Lixhonyiw' igxagx' elo belinixhaxha;
Kwaxakaxw' igxagx' emxhaxheni wexoxo.
Ngxe ngxam' omxoxozi xoz' ixam lenxozi.